IMVO ZABANTSUNDU.

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION)

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESITATU, JUNE 17, 1885. [No. 33

AMALAHLE ASE NDWE.

ABANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown. Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahle nasekuwatuleni e Komani. Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

Umboniso wase South Africa

UMBONISO omkulu wento ezilinywa nezinokwenziwa ngabantu beli lizwe, uyakwe nziwa e Bayi ngo December ozayo.

Kuyanqweneleka ukuba nabantsuudu beli lizwe batumele kuwo iziquma zento abazilimayo ziye koboniswa, nento ngento abazenza ngezandla, ezinjengento zokulima, izitya ezenziwe ngabo, inqubo, iminxeba, ingobozi.

Imbasa zesilivere nobedu ziyakunikelwa kuye wonke ontsundu odlulisele abanye.

Umhleli we *Mvo Zabantsundu* unikwe igunya lokuba abacacisele ngapezulu bonke abanomnqweno wokuya kubonisa imisebenzi yabo.

Ngomyalelo we komiti,
FRED LEVICK,
Unobala.

1-Ofi.si, 5, Lombard Street, Port Elizabeth.

KWA PASCOE

Kufike lempahla intsha.

IPRINTI ezikanyayo, nezidaki, nezimfusa eziqala kwi 3d. iyadi.
IKELEKO, nelmzi, nezomatrasi, ziqala kwi 3d. iyadi.
IKELEKO, ezingacacileyo ukuba mhlope 1/ iyadi ezintlanu. Ikwilti.
IQIYA ezase France zona, Izikafu zamagxa eziqala kwi 9d. sisinye.
IZIGUBUNGELO zomtshato nentyantyambo zomtshato. Isilika ezimhlope nezinamabala (zitshipu kakubi).
I ALPACA EZICACILEYO NEZIFONYIWEYO (zilungeleabapahli emitshatweni). Nengubo ezitengiswa ngeyadi nesezenziwe zokushata,
INGUBO ZOMTSHATO ESEZENZIWE, uyatungelwa otandayo ngexesha elifutshane.
Yeyona ndlukulungiselelwa kuyo abatenga ezomtshato.
" Abatengeli banokuteta Isixosa."
Ityali zetu ziyalala, zifuna ukuvuswa._____
Amagama ka PASCOE ngokumadoda kwa SIGINGQI.
Ngokwabafazi kwa SILINDI.
Elokumteketisa kwa FOLOKOCO.

C. MUSGROVE,

OTENCISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU,

Kwindlu Ekangelene no W. 0. CARTER & CO.,

E-QONCE

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye.

JOHN J. IRVINE & CO.,

Abatenga impahla kwamanye amazwe,
Nakweli,

Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO,

Nezempahla emfutshane,

BEMPONDO,

Nokudla, njalo njalo.

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenjalo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa ngento esukuba itengiswa anikowa apa.

JOHN J. IRVINE &CO.

IZISULU ! IZISULU !

J. no G BEDDING,

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA,

E-QONCE.

Bayayitengisa yonke impahla yabo yama Xosa bafuna ukuba itshayeleke tu kwakamsi- nyane.

Intengiso iqala ngo Mvulo lo wanamhla.

Qondisisa kakuhle apo bakona kwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

ILIMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekilevo Elika

COOK lyeza Lesisu Nokuzazazo. 1/6 ibotile.

Elika

COOK lyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

Elika

COOK lyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

Ezika

COOK Ipils. 1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile."

Abawafunayo lamayeza mabaye kwivenkile ezimelene nabo bawayaleze. Enziwe kupela ngu

G.E COOK

Chemist and Druggist,

Downing Street, e-Qonce.

ISAZISO.

[INCWADI E COLWE ENDLELENL]

Tyinira, May 1st, 1885. Sitandwa John— Undicela ukuba ndiku t.umela indaba. Andinazo, ngako mandiku xelele ukuba ngoku sinenye i venkile apa. Inyanga zintatu ivuliwe. Ingubo zitshipu ine-ntwana-ntwana ezisandu ukufika. Uzeke ufike uze ku nditengela enye. Umnini weve- nkile unika amanani alungileyo ngezikumba noboya nempondo zenkomo. Ivenkile ingakwa 'Msesani endleleni ye. nqwelo epuma emcancatweni ising' e-Tsomo. Ukuba kuko into esiyifunayo ingeko evenkileni akukataleki nokuba yintonina umnini venkile unako ukuyitumela. Kupela myalele kupela wokufumauisela. Igama lake ngu.

P. H. POTTOR.

Owako otandikayo
IDA.

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjengu manzi nezinya ezibululnyo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO.,
BANK STREET,
E-QONCE

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e-Town Hall, Kwisitora esinga pantsi eso~ sitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma- zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabixo alungileyo uyawanika ngento ezinje ngokutya Impahla zamkelwa nguye azitumele kumacalana onke ekoloni

Paula oku!

JOHN CHARLTON,

Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,

e-Dikeni, nase Xesi (Kwa-Kama) nakwa Qoboqobo.

_____

Lomsebenzi wauqala ngo 1878.

UYAZIWA. AKUFUNEKI KUZINCOMA

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwa-nanwa kwezi qiniselo zomhlaba—yonke lemicimbi yenziwa ngokukauleza.

Impahla Ebiweyo.

KUBIWE ngomhla wa-20 May Inkomo ezintandatu zohlobo kumhlambi
—kolumzi eTyolomnqa. Zonke zinomtshiso
ongu W, kwinyonga yasekunene.
1 1MAZI ENKONE emnyama emhlope esiswini.
1 1MAZI EMNYAMA emitiyo.
1 IMAZI EMNYAMA.
1 USAPOKAZI OLUMNYAMA.
2 EZINYE ENGATI ZENTSAPOKAZI zonke zitshiswe W kwinyonga yasekunene.

Ubani oyaku ndilandisa ezinkomo uyaku vuzwa kakuhle ngogatna lingezantsi.

THOS. H. WARREN,
Etyolomnqa.

UMVUZO.

ONDILANDISE umkondo wamahashe am ndomnika umvuzo ofanelekileyo. (1) Inkabi elubelu esingci aimnyama netshoba: impemvu, amanqina amhlope ngase kohlo elomkono nelomlenze iminyaka iaibozo (2) Inkabi ebomvu, inopau ngasekoblo endlebeni; itivte tshwi ngapambili ngasekohlo i half mantyi, ezimpau zincinane aziqondakali, kususwe uboya noko maxa nmntu aqondisayo angazibona, inebala elincinane kumkono wasekohlo, elintsundu.

Alahleka e Tarkastad ngo April.
W. W. MAHOLWANA.
Kamastone, Queenstown,
22 May, 1885.

KANIPE UMKONDO.

BONISANI Umfana okwiminyaka ye 29 ubudala bake.

Untaundwana, akanatnzimba mkulu ndahlukana naye e Bayi (Port 'Elizabeth) ngomnyaka we 1879 esebenza kwindlu ye Gas. Ke esisicelo sam ndisisingisela kwabakona kakulu, igama lake ngu Jim, Mbeki. Akayise Abraham Gobongwana Kinass. Ndicela amehlo kumanene, nama nenekazi endawo ngendawo.

Umntu onokndilandisa angatumela kuMhleli we *Mvo Zabantsundu.*

MARCUS KINASS.
Mount Ayliff, 25 April, 1885.

OCELA AMEHLO.

NDICELA amehlo ngomfana wam u GILSTAIN MEKENI ubese Bekesdolopu.
QEBEYI II. MEKENI.
Komgha, 6 May, 1885.

OCELA UMKONDO.

ATTEHASHE, imazi emfusa, enqina lase VV kunene litecu ngokuba mhlope kancinane. Iminyaka miblanu linalombalo A.P. ondilandisayo wovuzwa angati ukundibalela

ANDRIES MPILA.
Bengu, Lady Frere.

ISAZISO.

INTLANGANISO ye "Mutual Improvement Society " iyakuba se Gcuwa (Butterworth) nge 30 June, 1885. Solindela amanene nama nenekazi ukuba abeko.

JOEL JOHN MADUBELA,
Unobala.

KUFUNWA,

UMNTU omnyama onomfazi okwaziyo ukulima isitiya. Ukuba umfazi uyakwazi uknsizila naye wofumana imali. Owufunayo nmsebenzi lowo makabalele axele nomvuzo ku

R. W. WRIGHT, Engineer.
Blackwood, Queenstown.

KUBABALELI.

U REV. ELIJAH MAK1WANE ucela ababaleli bake ukuba bangabisazitumela kwa Tsolo incwadi, kodwa kwikaya lake elidala, Macfarlane, near Alice.

ABABULILEYO.

MAMPUNYE. — Kububе, e Clydesdale, Umzimkuln. ngo May 1885, intombi ka Mr. W M. B MAMPUNYE eyayi belekwe ngo September, 1881. Abahlobo mabamkele lombiko.

MPAHLA.—Kububе ngo 21 May, 1885,
e Fort Peddie, iukwenkwana ka Mr. MARK S. MPAHLA eminyaka mihlanu inenyanga ezintlanu. Abahlobo mabamkele lombiko.

Intlaulelo Yezaziso.

Isaziso esigeniswe kwimihlati (single column) engaminye 2/6, kwemibini ibandakanyiwe 5/ nge inch enye, ngamangeniso okuqala ngalandelayo 1/3 kumhlati omnye, 2/6 kwebandakanyiweyo nge inch ixesha ngalinye.

Izaziso ezingeniselwa izituba zenyanga ngantatu neminvaka zenawazo amaxabiso.

ABALIMI NA BARWEBI

E-MARKENI.

E.QONCE (June 16).

Inkuni, 8/ to 35/ ngeflara
Do. (ezicandiweyo), 7/ to 17/ ngeflara
Ihabile, 3/3 to 4/9 ngekulu
Irasi, eluhlaza, 2/9 to 3/11 ngekulu
Umgubo, 15/3 ngekulu
Amazitnba, 12/ ngekulu
Umbona, 11/3 to 12/9 ngekulu
Imbewu yehabile, 16/ to 16/6 ngekulu
Imbotyi ezimhlope, 14/ ngekulu
Itapile. 7/ to 7/6 ngekulu
Do. ezeluhlaza, 6/6 to 7/3 ngekulu
Amaqanda, 1/3 to 1/4 ngedazine
Ibotolo, 1/9 to 3/7 ngeponti

E-KOMANI (June 15).

Ibotolo 1/6 to 2/ ngeponti
Amaqanda, 1/6 to 2/ ngedazini
Amazimba, 30/ ngenxowa
Umbona, 25/ to 26/ ngenxowa
Irasi, 14/ to 15/ ngenxowa
Ihabile, 6/ to 8/ ngekulu
Itapile, 8/ to 14/ ngenxowa
Amatanga, 3/9 to 6/6 ngedazine
Umgubo. 12/ to 15/ ngekulu
Inkuni, 30/ to 47/ ngeflara

E-NYARA (June 13).

Ibotolo, 1/1 to 1/3 ngeponti
Umbona, 24/6 ngenxowa
Amazimba, 26/3 ngenxowa

E-ALVANI (June 12).

Ibran, 8/ to 9/ ngenxowa
Irasi, 13/6 to 16/ ngenxowa
Do. eluhlaza, 2|d to 5d ngesitunga
Ibotolo, 1/6 to 3/ ngeponti
Amaqanda, 2/6 to 3/3 ngedazini
Ihabile, 10/ to 13/ ngekulu
Inkuni, 24/ to 65/ ngeflara
Umgubo, 35/ ngenxowa
Itapile, 14/6 to 16/ ngenxowa

E-MONTI (June 16).

Ibotolo, 1/6 to 3/3 ngeponti
Amaqanda, 1/6 to 2/ ngedazine
Ihabile, 3/ to 4/3 ngekulu
Itapile, 10/6 to 16/ ngenxowa
Umbona, 10/ to 11/6 ngekulu
Amatanga, 3/ to 4/6 ngedazini
Inkuni, 5/ to 10/ ngeflara

Iveki.

IMITETO emitsha engepesheya kwe Nciba inikelwe yi Palamente kumadoda atile elobandla ukuba abuye ayicedulule. Lomanene ngo Mr. Upington, Mr. De Wet, Sir Thomas Scanlen, Mr. Sauer, Mr. Innes, Mr. Laing no Mr. Du Preez.

UMBONA, ingqolowa, umgubo namazimba ezonto ziyenyuka. Imbewu yehabile inyuke kakubi ngase Monti abanayo babiza *£2* ngengxowa.

NGOLWESi-Bini lweveki edlulileyo kufunyenwe ngase Monti imviko zibetelwe ema. caleni ezintsimbi abamba kuzo uloliwe; oku kwakwenzelwe ukuze awe. Awakafunyanwa amabedengu awenze oku, kodwa ayafunwa.

AMA Russia kuvakala ukuba anga anganongamehlo awo e Afghanistan, ayakala nge ndawo yokuba izixeko zama Afghan zakelwe indonga ngama Ngesi.

KUKO inteto yokuba inkosana ezitile zama Afghan zicinga ngokuzimanya nama Russia.

IPALAMENTE igqibe kwelokuba uloliwe lo usuka e Monti uya e Aliwal angahlanganiswa nalo usuka e Bayi uya e Colesberg njengokuba abanye bebenga kunganjalo ; kodwa kumiselwe ukuba kekutunyelwe ouocanda kwakona.

AYIPXLILE yona inteto yokuba ezinye ntlanga zapesheya zisebenzela ekuhlanganeni zincipise amandla ama Ngesi e Yeputa.

INTETO ebike yavunywa libandla elilaulayo lase Transvaal yokuba bonke kwelo ababenga umhlaba ungebuyeli kuma Bulu bangabapatiswa micimbi yakomkulu ibuye yabuyiselwa emva.

E TEKWINI, e Natal kuke kwako isipitipiti ebesidalwe ngamajoni ngayo leveki idluleyo. Kugwetywe inkosana ezimbini zawo kwanamajoni amabini, ateke atunyelwa entolongweni inyanga zontatu ngu inantyi. Kupume ikulu lonke lamanye lixobile laya kumapolisa awayequba ababanjwa abo. Ade acitwa ngamapolisa aya ezibalakisini epitizelisa eyinto enye.

IRAFU z yanyuswa e Free State ngenxa yokr.sweleka kwemali ka Rulumeni.

IMANTYI yase Freyburg kwela Barolong ngu Mr. Dekker.

KUGALELEKR e Mafikeng kwela Bahlambeli ngolwesi-Ne iqela lama Jamani ekutiwa lelihamba fihlola 'umhlaba litunywe lulaulo olukweluse Yuropu.

IMALI erolwe lulaulo Iwase England kolu lose Kapa, ngokutwalwa kwemikosi ngololiwe £26,000.

ULAULO Iwapesheya obelonganyelwe ngu Right Hon. W. E. Gladstone lupumile, kuba lu dlulwe ngamanani kwimali yokuhambisa into zolaulo obeluyicela kwi Palamente. Abaxase u Rulumeni babe 252, abebemcasile banga 264, kulevoti alikulu elinamashumi mabini.

U CAPTAIN MILLS ongumlungiseleli wemicimbi yelilizwe e England unikwe iwonga yi Nkosazana lokuba ngu Sir Charles Mills,
K. C. M. G.

NGALEVEKI idluleyo kubonakala impi etile entsundu yase Komani ibingxamelene bukali nepete ubupolisa. Lomhlambi ubinqele ukudala induma, nokupanga abahambayo ezitarateni

EZIMVULA beke zabikwa kwelase Bolani zenze ulonakalo olukulu. Intombi nonina beyele kwi Olifant's Rafile. Kufe inciniba ezi 180 nento eninzi yenkomo namahashe.

LEVEKI edlnleyo ibiyeyentuli ezinkulu. Abase Mbo bati lenyanga ngu Ntulikazi.

NGALEVEKI idluleyo kusuke isicelo e Kok- stad sibalwe nga 320 abantu situnyelwe kwi Ruluneli yase Natal, ngama Ngesi ukuba ubandakany we nelo ngolaulo.

NGOKUTELEKELELA kuka Mr. Sprigg u Mgcinindyebo wakwa Rulumeni kulindelwe ukuba ngalonyaka uzayo imali yakwa Rulu. meni eyakubutwa ihlanganise £3,530,000 eyakucitelwa indleko £3,472,000.

SELEQALIWE ukusetyenzwa uloliwe pakati kwe Kimberley ne Dutoitspan e Dayiman.

U MR. GOODMAN, wase Herschel, e Gqili usetyaleni ngokutengiga imipu ngapandle kwepepa lemvumelo. Umelwe nge £1000.

I RULUNELI yokuqala ye Kongo iyakuba ngu Mr. H. M. Stanley.

U MR. W. B. CHALMERS uyakupata kwa Adam Kok de kube sekupeleni kwalenyanga. Uyakuh'la ukuza apa ekuqaleni ko July.

ULAULO olutsha lwapesheya luyakonganyelwa ngu Lord Salisbury. Obelonganye- Iwe ngu Mr. Gladstone lupumile.

IMPI yabo banga i Natal ingazilaula ngokwayo njengekoloni le ifunyenwe ikwi 218 ekucasileyo oko 282, U Mr. Escombe no Mr. Greenacre barozile ekubeni ngamalungu e Palamente ase Tekwini kuba bona benga i Natal ingapatwa e England.

IBANKI pe Post Ofisi ivuliwe e St. Marks e Sidutyini.

IMAYILE zentsimbi zokuhamba uloliwe zidlule eshumini kulandlela isuka e Gqili iya e Dayimani.

IPELE kanye ingqakaqae Kleinpoort ngase Tinara.

IZIKOLO zangapandle zivalwa ngolwesi- Hlanu 26 June.

ISIKOLO sentombi sase Ncemera sivalwa namhla 17 June.

ISIKOLO sasenxukwebe sivalwa ngomso 18 June

Native Opinion

NGOLWESITATU, JUNE 17, 1885

UMYEZO KA NABOTI.

ILUNGU lase Komani e Palamente, elingu Mr. Du PLESSIS unike isaziso ku Rulumeni sokuba woke abuze ukuba uke wevana ukuba into eninzi yabantsundu abebese Xonxa bafudukile, bazitshabalalisa izindlu zabo, baya kwezinye indawo ; ecinga ngokuwupata ngalupina uhlobo umhlaba lowo ushiyiweyo. Into yona yokuba kuko abantsundu abafudukileyo e Xonxa ayipikwa bani abafuduke kulondawo kupela, kuba kuseloko iyimiqodi imfuduka kulo lonke ngenxa yalebandezelo ikoyo. Sibona kanjako ukuba akuko ndawo ike yaze kanye ngenxa yemfuduka ezo, kuba kwakamsinyane besukile abanye kwakamsinyane befikile abamnye ezindaweni zabo. Lombuzo ka Mr. Du PLESSIS asimbuzo nje. Wonko uyazi ukuba ama Bulu ase Komani seloko enza into enye efuna ukuba impi yonke emele i Xonxa ifuduswe, nakuba inexesha elide abati abanye elo lalimiwe ngaba Tembu kwangomnyaka we 1820. Kakade into abuyifunayo kukuba licandvye lenziwe i Mokolo eziyakutengiswa kuma Bulu ngokwawo. Wena waka walesa ibali lesidiliya sika NABOTI esasiginyelwa amate ngu AHABI linjalo kanye i Xonxa kumafama ase Komani Ngamanye amaxesha ake ada ati ama'qakamba afuna befudusiwe aba Tembu ngenxa yokuba beneminwe emide impahleni yabo. Kude kube lolwanamhla akubonakali u Rulumeni ukuba ude watabata ibakala mayelana nababantu, abahleli bona besiti banqabile kulomihlaba yabo ngendawo yokuba kukade beyimi, enye into baqiniseIwa ngamadinga ka Rulumeni kuyo. Kute kuleminyaka idluleyo batshayelwa abanye ngu Rulumeni kwindawo ezinjengo Ndonga esiti uza kwenza indlela kaloliwe eya kumalahle ase Ndwe. Kuvakala ukuba lonto yendlela seyiyekiwe, kodwa abantu ababuyanga bavunyelwe ukuba babuyele kwindawo zabo. Imigulo yabo ayibonakali ifumana kwenziwa ngu Rulumeni ; bahleli ke ekungaqondini, okubange ukuba bafumane badola mayelana noku hambela pambili, bayekelelake nase ntlalweni ekungenguwoke umangaliso ukuba abanye bengakatali kutabata into zabamelwana babo.

Mabe mhlaumbi abayazi abalauli into edubula kokukumiwa komhlaba ngabantsundu okungaqiniselweyo. Singake salate kwingxelo yenene abati ngu Mr. W. J. HUGHES engasisitile ebonakala kwincwadi yonyaka enge Micimbi Yabantsundu. Siziva tina imvo zonke zelinene alimhlobo mkulu wabantsundu. Uti kulongxelo ngenxa yokuba bengena ngqiniseko yokuba umhlaba *ngo*wabo asingowabo sinina, basuke abantu " baziyekelela, abakatala
" nayintonina abayenzayo, nokuba
" yintonina eyakubahlela ngexesha
" elizayo." Okuke kutetwa ngabantu abafaneleke kunene aba Tembu!—abantu abangati bepetwe kakuhle babekiselele pambili ngohlobo olungummangaliso. Ngenxa yokuba njeke into eninzi yomhlaba ihleli ngapandle kokulinywa ngenyameko, isizwe sonke siyekelelwe ekutshoneni ngenxa yokuncama; isipelo sako konke oku kuyakonakalisa nentlalo yabanye abantu. Siyambongozake u Rulumeni ukuba anikele indlebe kwisikalo saba Tembu kulomcimbi. Mininzi eminye imihlaba yabantsundu emiwe ngoluhlobo lokungaqiniseki, ababeyinikwe zi Ruluneli zakudala zati yeyabo, ekutiwa namhla ngo FARO abangamaziyo u JOSEFU yimihlaba ka Rulumeni, bayiminje—u Rulumeni engabafudusayo naninina mhla atandayo. Ingqushwa ngomnye walomihlaba, namahla izele ngamagwangqa anefama ezinetaitile. Njengekatike zase ntsomini ulilela u Rulumeni ke namhla umhlambi ontsundu uti: " Metsho ' metsho!
" Kwanele. Besingazi ngapambili
" ukuba izwi lako alinamsebenzi xa
" lingaqiniswe ngandleko zonocanda,
" nesikumba esibaliweyo. Sowusi-
"qinisela ngoku kwezo ziqitana
" sisenazo, siyakwaneliswa. Kakade
" singa ungasiqinisela ngolohlobo
" luyakubonakala ngokuqinileyo ku-
" we. Oko tina savumelana nawe
" ngako ezintlanganisweni kwakwa-
" nele kuti. Sibona namhla ukuba
" kwakunganele kuwe." Elotsha we kwalaulayo loze liwugqibe lomcimbi lofanelwa ligama lokuba ngumhlobo wenyaniso we Koloni. Abantu bakowetu ngabantu abawugqalayo kunene umda, ebekungatiwa ngokwama Roma ngabanquli abakulu botixo wemida u JUPITER TERMINALIS, xa kutiwe mhlope nguwo lo owenu umda wugeineni, ningakatazi abamelwane benu, bangawunonelela. Aba Tembu bafanelwe ukupulapulwa, indawo yokuba kukade bewumi lomhlaba ibonisa ukomelela kwesikalo sabo, enye indawo bawumi ngamadinga ka Rulumeni. Esitembayoke ukuba impendulo ka Rulumeni ku Mr Du PLESSIS nakweminye imibuzo enjalo iyakuba kukufeza imfanelo ngalomandla abanawo, asikuko ukuba kwenziwe ngeziqula

I Palamente ne Pasi.

KWIBANDLA LEKABA.

Kwingxoxo zomhla we 8 June, sitabata le ingepasi epatelwe kuti bantsundu :

U MR. DE WET ucele ukuba ibandla livumelane ngendawo yokaba umteto omtsha wepasi useuyekwa. U Rulumeni ufumana ukuba mauseuyekwa lomteto ngenxa yenteto zamadoda ngepesheya kwe Nciba, ezinga- dala izipitipiti ezintlokweni zabantsundu. Ngendawo yokuba seliko kakade imiteto emitsha emitatu esingetweyo libandla epa- telele kwimpi entsundu, akubonakali ukuba lomteto ubesakangelwa, u Rulumeni akangi angenza nento enye yokubandezela ontsundu. Bekuya kuba kapukapu ukuwenza lomteto mtsha, kodwa kuba bengafuni kupi- tizelisa umhlambi ontsundu bagqibe kwelo- kuba useuyekwa lomteto mtsha.

U SIR THOMAS SCANLEN utonyalaliswe kunene yindawo yokuba U'mpatiswa Micimbi Yabantsundu etabate lendlela yokuwubuyisa urnva lomteto ; kodwa ayimane- lisi indawo yokuba kohlwaywe inteto zamadoda ebandla. Mabasebetungwa imilomona kwelobandla xa kufuneka ubungozi behambisoka Rulumeni butyiliwe? Uyayipika into yokuba umteto ubuyiswe umva ngenxa yenteto zamadoda ecala lake kuba kusitiwa ziyakuduba ingqondo zabantsundu. Ukuba kuko into ebiyakuziduba ibiyakuba ngulomteto, kuba engakumbuli ukuba kuko mteto wabu- koboka. unjengawo owaka wabekwa pambi kwalo Palamente.

U MR. WILLIAM AYLIFF ute mayingalityalwa libandla indawo yokuba ifuneka kakubi ipasi kwelilizwe, enakuba engenaku. yikanyela into yokuba u Rulumeni wenze ngobulumnko ukuwubuyisa umva lomteto namhla, kodwa liyakufika Iona ixesha lokuba baun.ise umteto wepasi oyakuhanjiswa.

U MR. MERRIMAN ute zonke izizatu zokucaca imiteto leyo mitsha ezivakaliswe licala labo lebandla zikwazezo zavakaliswa ngu Mpatiswamihlaba(u Mr.Schermbrucker) xa wayependula igqugula laba Picoti Masiko Abantsundu. Lati elonene (u Mr. Schermbrucker) umteto wepasi uyabandezela awufuneki nganto; wayekolwa oko kukuba kubeko intloko ekuyakukangelwa kuyo ngabantsundu bonke pesheya kwe Nciba, nezinye izinto ezitetwa ngabo belocala lake (yena Merriman).

U MR. DE WET ute akatshongo ukuti zinteto zamanene lawo acasene nabo ezibanga impitizelo, kodwa kuko into ekutiwa ngamapepa endaba acasene nolulaulo lwabo, nababalela amapepa, ubebekiselele kulomhlambike xa ati kuko abapitizelisi bengqondo zabamnyama. Ukuba umteto lowo bebenga ungake uhanjiswe pambili ubeya kuwubeka ezandleni zamadoda atile ukuba awucinge, kuba naye ebona uknba unengxakeko. Lomteto ubungeniselwe ukukolisa intlanganiso zamafama, kodwa njengokuba kubonakala upitizelisa abantsundu maungabisa hanjiselwa pambili, okanye ngalonyaka, kuba bengangi bangambandezela nakancinane ontsundu.

/

U MR. SAUER ute incazo asand' ukuyenzaUmpatiswa Micimbi Yabantsundu ayiyikwelelisanga imvisiso yenteto yake yokuqala. Uselete lomteto uyakubuyiswa ngottva ngenxa yenteto ezibeko kwelobandla ngexa elingapambili, ngoku uti ubekiselela kumapepa endaba axasa I cala labo ngenteto. Umteto obunzima bunjengalomteto wepasi awuzanga wabe kwa pambi kwe Palamente yabantu abakanyiselweyo, ngapambili, ukuba ubuke wabekwa ngu Rulumeni pambi kwabo ubeya kuwucasa ngamandla ake onke. U Mr. Upington ubeposisile ukuti lemiteto mitsha isekwe pezu kwengxelo yaba Cedululi Masiko. Abacedululi bati bona mayipeliswe kanye ipasi, no Mpatiswa Miteto u (Mr. Upington) wayivumela lonteto ngokubeka igama lake. Ukuba lomteto ubuke wapumela ubuyakubanga ukuba omnyama angabi nakuwushiya umnyango wendlu yake ngapandle kokuba abe upete ipetshana lakwa Rulumeni. Nokuba ngokwenjenjalo wofumana ukunconywa sinina makakalime ngakwihambiso enje yokubandezela omnyama. Kuko abati ipasi zenzelwe ukukusela omnyama njengokuba zinjalo e Russia, eyase Russia ayinjengokuba le yabamnyama injalo. Enye into angayivisisiyo kukuba kutiwe lomteto uyekwa kuba kusoyikelwa ingxoxo zamadoda elobandla. Selewufakile umbuzo u Sir T. Scanlen ukuba ngoku bazakusikwa umlomo ngokwe nkuku na, ngokusuka u Rulumeni ati mababenjalo ? Oko ibingabo abalauli ubengenjenjalo Umpatiswa Micimbi Yabantsundu, xa kutetwa ngehambiso yabo kwabantsundu. Akazanga yena wariza koko kuba ecinga ukuba yimfanelo yelungu ngalinye ukuba litete xa libona ukuba u Rulumeni u yaposisa. Ngapandle kwako konke oku inteto zabo ngemiteto emitsha epatelele kwabantsundu ibipole ngokungumangaliso. Namhla babona imiteto ibuyiswa umva ngokuba kusoyikwa ukuba ixoxwe. Uyatemba ukuba abakubuye bayive lonto.

U MR. LEONARD ute amaluugu elocala labo (lakwa Sir T. Scanlen) axoxa ngokuzolileyo. Atnalungu olaulo akubonakali ukuba ayayiqonda ukuba eyona mpitimpiti idalwe kukusuke bashicilele lemiteto mitsha. Akuko mteto ubunzima bunjengalo wepasi waka wane kwa pambi kwe Palamente. Ukuba lomteto ubuke wahanjiswa ubejakubonisa ukuba ucasene nemiyalezo ye Nkosazana yamhla yanyula i Ruluneli. kuba ingumteto wokubagxota abantsundu. De abe ute otnnyatna waya kuzicelela ipasi kumpatiswa otile wakwa Rulumeni ubengasakuwupefumla lomoya ka Tixo kwelilizwe ngapandle kokuba abesesicengeni sokutunyelwa entolongweni. Ubengalindele ukuba naupina u Rulumeni ubengati mabauxoxe nokuxoxwa oku umteto onjengalo. Ngumteto wobukoboka kanye ekwaka kwatiwa mauhanjswe kwabantsundu belilizwe.

Kuvunyelwene ukuba ubuyiswe ngomva.

KWIBANDLA LENGWEVU.

Lite ibunga lengwevu lakuva ukuba elingezantsi liyicitile ipasi layitabata. Yiyole ingxelo :

U MR. BOWKER ute ibandla malivumelane ngendawo vokuba bonke abantsundu abakule koloni nabazakungena bazifnmanele ipasi kwimantyi zezitili zabo xa baza kuhamba ebalwe epepeni elinesincamatiselo sexabiso lesheleni ezitile, ipasi yolohlobo ibe yeyokukusela indoda nosapo Iwayo oluncinane xa sukuba abantu abo befuduka. Akangi angalwa noRulumeni ngokuyingenisa kwake lenveto. Amafama enzakele kangangokuba ebeselecinga ngokuzohlwayela abangenazipasi. Be Rulumeni ibonakula injengaleyo yapesheya isand' ukuposwa yindawo yayo, ngokoyika ukubamba iqinise kulempi imnyama. Ubehlala yena esiti umteto wokuqala wemvelo kukuba umntu azikusele, kodwa ubona yena ikukasela katile. Uyatemba ukuba elobandla liyakumxasa kuba kufuneka kuko into eyenziwayo ukuxasa ifama.

U MR. NEETHLING waleke indawo yokuba ingabi mantyi zodwa eziyakunika ipasi kodwa ne Field-cornet nabanye, may lyekwe into yentlaulo yemali.

U MR. BURGER uxase u Bokolo.

U MR. MEURANT ute into abeyiyo Amaxosa ngeminyaka emashumi mahlanu edlulileyo aseyiyo nanamhla. Ukumbula izinto ebeke zihle ngapaya kwemfazwe mlanjeni oko amafama ebepangwa amacalana onke, aze ati amafama akudubula amasela xa abalekayo afakwe entolongweni. Wazi ngamanye amafama awalahlekwa ziponti ezingamashumi asibozo ngokuzitetelela ezi ofisini ; into ebezingehli futi ngezomini zihla imini nezolo namhlanje. Makubeko into eyenziwayo. Okafile tnabanikwe ipasi eziyakukupelisa ukut'umane bayilate ababantu behamba behlola into abangazibayo zamafama. Kutiwa itnihlambi yamafama mayilungiswe akusakunceda Into ukuyilungisa xa ipangwa ngokafile.

U MR.EBDEN ute siyavumelana ngendawo yemfuneko yepasi elungileyo kwelilizwe. Ipasi iseloko iko; into efunekayo yipasi engasakubanga ukuba kubeko ababali abangengabo ; akavutnelani nepasi eyakuba nendleko ze statnpu neyakubanga ukuba ontsundu angabi nakuhambahamba. Ipasi mayibe yefanelekileyo.

U MR. HOFMEYR ute ipasi engenamali ihlaulelwa yona ayinamsebenzi.

U MR. DE WET ute makaxele mhlope

ukuba eli asililo ixesha lokungenisa ipasi enerafu kwabantsundu ngokuba iyakubaqumbisa abantsundu. Akaboni kakuhle ukuba ipasi neyalupina uhlobo iyakubupelisa ubusela. Kunqabile ukuti ngulo omnyama ofanele ipasi ngulo ongayifani leyo ngokwale miteto ikoyo ngoku. Ukuba lemiteto ikoyo iyahanjiswa akuko mntu umnyama ungafanelwe zinifanelo zezimatnhlaba. Yitnvelo yomntu omnyama ukuba. Umfo obayo uyanconywa kowabo. Akanasalelo u Rulumeni ngalenteto ipambi komzi eyakubanga inkatazwana nendleko, kod wa unga angazi ngakumbi ngayo lento ukuba kuyakufuneka isitampu sodwa na. Uko wona umteto ome- le abantsundu abangapandle kwe koloni kodwa knlungile ukuba ngoku bangamiseli pasi inamali.

Lenteto nento etetwe ngu Mr. Neethling yamnkelwe.

Ezababaleli

UMBUSO KWAKONA.

MNUMZETU,—Yinto emnandi ukuti xa uteta into babulele abantu bati: " utile unyanisile." Yinto embi xa ute wateta into, itike into oyitetayo icukucezwe, nokuba yeyobuyilo kuba iyilo aliziboni. Xa ndilapo Mnumzetu ndifuna ukuhlomela inteto yo Mkoloni Obuhlungu, enditembayo ukuba amadodana (kuba amadoda apelile) ayakuyikangela ngawo omabini amehlo, ayakuti "yinene lento itetwa ngu Mkoloni, xa alifunde ngenyameko elopepa lomhla wesine ku May."

Lento itetwa ngulomfo yinto, (nditsho mna ukuyiloza kwam); "amagunya ale Koloni adiniwe kukusipata." Mzi wakowetu, mna ndisuke ndaba lixaxadu zizinto ezitabate iqela lamapepa awabalwa ngesi Ngesi nesi Bulu (what about the native question). Izizwe ze Africa esezantsi xa kuqukwa wonke onengqondwana ontsundu, ligxeke elibeta umlomo uxwebe xa ubona izizwe or uhlanga lwakowetu lungqengqe ngencele ngasozintlanti lusidla amavo, lutsho ngenqawa ezinde, ezitengwe ngehamile ezasetyenzelwayo, zibuzana imibuzo engenamanqina " ndiza kutinina madoda? lindiyile, into eyakutyiwa lusapo andiyazi." Ze aba Bahleli naye bangamxeleli into amakenze yona. Yintonina mzi wakowetu, senziwa kukuba silinde amafa obawo na? Nditi, Mhleli kunqabile ukuba amafa ayakusivuma sonke; pezu koko nditi, lombuzo ubuzwa ngumfo olele ngasebuhlanti ungape- ndulwa nayimfene, ngokuti yakuvuka ngoqiza ilive ukuba ipango liyarenya, ngoko ikumbule indawo ezingayihlutisayo. Andikolwa umhlaumbi ndiqinisekile ayicebisi nezinye ngesisu sayo. Leke Mhleli yenye indawo emayikangelwe ngu Mkoloni nawo onke amadoda aqonda izinto zelizwe. Nditi abantu base Africa esezanlsi mabangal'ani namatole entaka, izinto ezifumane zikamise zingayazi nento ezakufakwa emlonyeni. Mabasebenze! Xa ndenjenjalo Mhleli ndiza kwenye indawo.

Eyombuso indawo Mkoloni yenye indawo efike yandenza ixaxadu, andazi nokuba abantu bakowetu benziwe amehlo amnyama ngamaxesha amabi, zindlala, nakukubalela kwamalanga sinina. Kususela kwisizatu semipu, nezinye ezilandela eso, umntu ontsundu angeze ayitembe into etetwa nguwabo okanyiselweyo umhlaumbi onengqondwana kunaye malunga nento zembuso angapinda amaxesha-xesha angamashumi amaninzi, ade ati onentloko efutufutu, akalale Madodana sebenzani kwinto ezinjalo, amadoda amadala amatshoba alala iniibete ngoku. Bona abantu base United Kingdom masingalibali ukubabulela ngamalungelo abakade besenzela, naba sasenzelayo ngezimini, anjengokusipa imali zokuxasa izikolo zentsapo, nezinve izinto ezisengamalungelo kuti okwangoku. Kodwa kona amaxesha ngoku anzima, uyavuma nongalukataleleyo uhlanga oluntsundu, xa inene eyitanda.

Bekunganjanina intlanga zapesheya zike zanyamezela iminyaka engamashumi amahlanu esayakubuya ivele mhlaumbi engabuye ivele, ingandule yahlutwe indawo esengumnyinyivana ezisacancata pezu kwayo intlanga ezintsundu. Lento Mhleli kuba buhlungu yakupatwa (yombuso) nawe Mkoloni. Banga abantsundu banganyamekela ukulibatala balixase ipepa lako, kuba lamagada aposwa ngamadodana akowetu licimi mhla lifayo elopepa lako.

ABANTSUNDU E-DAYIMANI.

Kimberley, 4 June 1885.

NKOSI — Ndiyakucela ndinyamezele, ndinomnqweno wokunga ndingake ndinike impendulo yam ngokuzeleyo kweli nene lase Kimberley, elingu Tshananda Bolilityе. Lomfo ngati entetweni yake unokundazi isiqu sam, nentlalo yam,' kuze kuti kwamanye amazwi kubonakale engati akandazi kakuhle. ngendlela yokuzipata kwam, kungengoku kwelixesha likoyo. Ngoba ngokunje, uselete yena ngokwake, ndifanele ukwenjenje kuba ndincenceshelwe, wateta ilizwi eli- fana neliya latetwa ngu Satana ngo Job, ewati, kungokuba u Tixo emkusele lento alungisayo, kanti noko akubanganjalo, waxoka ngokuba akayazi inyaniso; nditi ke lumnka ungabambi isisila sehobe, njengo Satana lowo. Umntu akangepili ngesonka sodwa, kodwa ngazo zonke izinto ezilungileyo. Unina wobusela bubunqenera; anditshongo ukuti bonke abantu bayilonto. Ndati, amakoloni ati asakufika apa afune inzuzo, ngendlela zobuhlitilili ezingasiyiyo indlela yokuba- nceda, kwazake ngoko kwako lemiteto ikalisayo. Nditike, maxa nditshoyo, ngubanina oyakuti ukuba igusha zake ziyabiwa angalifuni iqinga lokuzigcina ukuba zingamlahleki, oko kutshoke anditi nditi makwenziwe imiteto yoku- bandezela, anditsho nokuti makungenzi- wa miteto, ngokuba umteto yinto elu- ngileyo nencedayo. Abalungileyo bona banguwo umteto ngokwabo,; enye into anditsho ukuti amagunya awenziwayo, enziwa ngokulunga onke kwabo sukuba esenziwa kubo. Kanti anditsho nokuti awabafanele bonke; kwenye indawo ndi- ti umntu ovela omnye umntu, uti aku- bona into esukuba iyingozi, ati lumnka wafa; ndandiba ndenza lonto, ndisiti uzulumnke sekumbiwe imingxuma endleleni likaba. Ndibake ndiyakuvela ngokuti mhlaimbi ungofikayo apa, kanti utanda ukumfamfata njengemfama. Andikupikisi kulamazwana amalunga ekuqqibeleni. Kunjalo ngoku, abake bafika sekunje, musa (ukuzifanekisa) okanye musa ukuzifanisa no Nxele, no Mlanjeni, no Nongqawuse, no Mhlakaza, ababangabaziseleli' bezimanga, ababanceda abo babalandelayo, naweke mhlaimbi bobako abakuland elayo,—mandipeze.

Ndim

TAND' INYANISO.

[Singa ngoku lengxoxo inganqunya- nyiswa.—EDITOR *Imvo.)*

ITEMBA LOHLANGA. Pirie Bush.

NKOSI YAM,—Nceda ndifakele lamazwana ambalwa kwelopepa lamawetu lizi *Mvo Zabantsundu.* Namhla masivuye sonke, namhla masigcobe sonke, sakukangela inqubelo pambili yomzi wako- wetu ontsundu; kuba ukubanjalo oko belifudula lingeko elipepa lingu *Mvo Zabant-sundu,* ibingu *Sigidimi* yedwa, wake, wazala *Imvo Zabantsundu,* ezifike zatatyatwa gadalala lulutsha, andikolwa ukuba besitatyatwa kangaka *Isigidimi Samaxosa.* Elipepa lamnkelwe ngovuyo, ndingatsho mna nditi, huntshu namhla ngesiwaxelelwa ngubanina lamayeyeye namancincinci okubambana kwabantwana belihlati. Nantsi indawo endibangela ukuba ndibale, yile yabakupi ntlaka emlonyeni, ngesizatu sokuba kutiwe mayibe ngabamhlope ezi ofisini, ukantike ipina impumelelo, mandiyishiye leyo nditi, enye into ukuba niyakwenjenje nina bangenisi besaziso ukuba ukufaka indaba enjenje ziyakuvuka zonke intshaba zelipepa, eziti buxoki lento itetwa apa; ndiva kwelipepa kusitiwa kwezintlanganiso zemvula ukudliswa abantu kuxelwe inkomo; akuko nto injalo, ewe simi ngenyawo tina apa ukuyicela, yapendulake Inkosi ngesipango esicumisileyo. Ayibangako yona engenkomo into akuxelwanga, masiyilumnkele ke lonto ukuteta into engabangako.

Ndingowenu

THOMAS M. NGQANDUVA.

UMBULELO.

Port Elizabeth, 9 June 1885.

NKOSI,—Kaundifakele lemigcana imbalwa pakati kwamanene akowetu enzayo umbulelo malunga nepepa le *Mvo Zabantsundu.* Kuyandivuyisa ukuba amanene akowetu liyawavuyisa elipepa; ndingomnye wabo bavuyayo. Ndiyatemba uninzi kwanalo luyavuya njengam, nabangauvakalisiyo lombulelo. Ndingati ndivuyiswa kukubekeka kwalo nokuzola, nokuhluma kwalo ; nditsho kuba ndiliva ligqitisile kwelase Dikeni, nakwelase Rini. Ngokuba lamapepa bebekalaza kanye abantu ngokukubekisa amanene namanenekazi. Andazi ibiyiyipina into ibiba kubekisa. Ke kweli andikeva nto isikalazo ngalo. Mandigqite kulondawo nditsibele kuwe

Lawo lika Jabavu,
Vungama' eteta,
Nkwal' eti ukupanda yoneke
Hash eliti ukupala lolule.
Dad' eliti ukndada linquml' msinga,
Ngokukaba ati amanye ukudada ehlise umlambo,
Ntak' emapiko made ukukusela abakowayo
Kulondawo hlungulu lakowetu elimnyama.
Elikanya ngekala yodwa.
Taru ngamazwi amade.

Ndim

